Isifundo 3

**10–16 Apreli*

“Zonke Izizukulwana Ezizayo”

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Gen. 3:6; Gen. 6:5, 11; Gen. 6:18; Gen. 9:12–17; Isa. 4:3, IsiTyh. 12:17.

Indima Yenkumbulo:

“UNowa yena wababalwa nguYehova” (Genesis 6:8).

Iibhakteriya [iintsholongwane] zizinto ezibuzityalo ezinamalungwana amancinane nezincinane kakhulu ukuba zingabonwa ngaphandle kwesixhobo sokwandisa okujongiweyo. [Xa inye yibhakteriyum]. Eyodwa, eliqandanyana, ibonakala ingekho nkulu kunencam yepensile, seyenziwe nkulu ngokuphindwe kaliwaka. Xa ifumene iimeko ezilunge kakhulu ekukhuleni kwayo—ukufudumala okwaneleyo, ukufuma, nokutya—ezibhakteriya zanda ngendlela emangalisayo. Umzekelo, ezinye zizala ngokuqhekeka [ukucandeka]: intsholongwane esele ikhulile iqhekeka ibe zii“ntwazana” ezimbini. Xa oku kusenzeka isithuba seeyure ezimbini, eyodwa inokuveza ngaphezu kwezigidi ezili-18 leebhakteriya ezintsha ngeeyure ezingama24. Ekupheleni kwama-48 eeyure, amakhulu eebhiliyon azo aba sebonakala. Le ntwana encinane kwilizwe landalo ibonisa ukukhula ngokukhawuleza kobubi emva kokuWa. Luthe luphiwe ubuchopho obukhulu, impilo eyomeleleyo, ubude bobomi, olu hlanga lukhohlakeleyo lwamshiya uThixo lwahenyuza ngamandla walo anqabileyo ukusukelana nobugwenxa bazo zonke iindidi. Ngeli xesha ibhakteriya itshabalala lilanga, ngamachiza okanye ubushushu obukhulu, uThixo wanyula ukuluthintela oluvukelo lwanda kakhulu ngoNogumbe womhlaba wonke. Iveki Ngokuyithi Tshazi: Yintoni eyenziwa sisono endalweni kaThixo? Zeziphi ezinye zeempawu zikaNowa? Zeziphi iziqalelo ezibandakanyekayo emnqophisweni noNowa? Kungaziphi iindlela olwathi ubabalo lukaThixo lwatyhilwa emqophisweni noNowa phambi kukaNogumbe? Usifundisa ntoni umnqophiso owenziwe noluntu emva kukaNogumbe ngokusithanda kwaKhe okugubungele indalo yonke?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha ka-Apreli 17.*

11 Apreli

Umthetho-Sisekelo Wesono (Gen. 6:5)

Imbono engcwele ekugqibeni kwaKhe uThixo ukudala yeyokuba konke “kwakulunge kakhulu” (Gen. 1:31). Emva koko, sangena isono, umfanekiso waguquka. Izinto azaba sa“lunga kakhulu” kwakhona. Indalo kaThixo eyayinocwangco yangcoliswa sisono nazo zonke iziphumo zaso ezithiyekileyo. Uvukelo lwafikelela kumanqanaba aphezulu nawoyikekayo ngemihla kaNowa; ububi baludla uhlanga. Naxa iBhayibhile ingasiniki iinkcukacha ezininzi (bona kuEllen G. White, Amanyange Nabaprofeti, amaph. 90–92 ukongeza), abagqithi bomthetho nabavukeli, ngokucacileyo, babe yinto ade wathi noThixo onothando, ononyamezelo, noxolelayo akakwazi ukuyinyamezela. Kwenzeka njani ukuba izinto zibe mbi kangako ngokukhawuleza? Bangaphi abantu, namhlanje, abakhangela kwizono zabo, bangabuzi umbuzo omnye: Kwenzeka njani ukuba izinto zibe mbi kangaka ngokukhawuleza?

Khangela ezi ndima zidweliswe ngezantsi. Bhala phantsi inqaku ezilenzayo. Qaphela ukuthi chu kokukhula kwesono:

1. Gen. 3:6 _____

2. Gen. 3:11–13 _____

3. Gen. 4:5 _____

4. Gen. 4:8 _____

5. Gen. 4:19 _____

6. Gen. 4:23 _____

7. Gen. 6:2 _____

8. Gen. 6:5, 11 _____

UGenesis 6:5 ne-11 azingenanga kwihamte. Kwakukho imbali ngaphambili kwazo. Isiphumo esoyikekayo sasinembangi yaso. Isono saya sikhula ngokukhula sisiba sibi. Isono asifani nokusikeka okanye nenxeba, elinendlela eyakhelwe ngaphakathi nezenzekelayo yokuliphilisa. Ngokungafaniyo, isono, xa siyekiwe singajongwa, Siyanda, singaze saneliseke side sikhokelele kwantshabalalo nasekufeni. Umntu akadingi ukuba acinge ngobomi phambi kukaNogumbe ukuze abone ukuba usebenza njani loo mthetho-siseko. Sijikelezwe nguwo nangoku. Akumangalisi ukuba uThixo asithiye isono; akumangalisi nokuba, kungekudala, isono siza kucinywa. UThixo olilungisa, onothando akukho nto yimbi angayenza ngaso.Iindaba ezimnandi, phofu, zezokuba, nangona efuna ukusisusa isono, ufuna ukubasindisa aboni. Ungaloo nto kuphela umnqophiso.

Indoda UNowa (Gen. 6:9)

Phakathi kwazo zonke iindima ezingobubi babantu ababephila phambi koNogumbe, indoda uNowa yathi qabavu ngokungafani nabo babemjikelezile. Khangela indima engentla, kwiingongoma ezintathu ezizodwa ezikhankanywa yiBhayibhile ngaye. Kangangoko unako, bhala phantsi oko ukucingayo ngokuthethwa yiyo nganye kwezi ngongoma:

1.“Wayelilungisa”

2.“Wayegqibelele”

3.“WahambanoThixo”

Akukho kuthandabuza, uNowa wayengomnye owayenalo ulwalamano olusindisayo noYehova. Wayengumntu uThixo awayenako ukusebenza naye, umntu owayeza kumphulaphula uThixo, amthobele, athembele kuYe. Yiyo le nto uYehova wakwazi ukumsebenzisa uNowa ukuzalisekisa iinjongo zaKhe nesizathu sokuba uPetros, kwiTestamente eNtsha, ambize ngokuthi “[ngu]mvakalisi wobulungisa” (2 Pet. 2:5).

Funda: Genesis 6:8. Loo ndima isinceda njani ukuba siluqonde ulwalamano phakathi kukaNowa noYehova?

Igama ubabalo apha likho okokuqala esiBhalweni kwaye ngokucacileyo linentsingiselo enye neendima ezikwiTestamente eNtsha, apho uthando oluzaliswe yinceba, olungamkelwa njengomvuzo lukaThixo, lusetyenziswa kuboni abangalufanele, luchazwa khona. Ngoko ke, sidinga ukuba siqonde ukuba “wayengenabala” “elilungisa” kangakanani uNowa, wayengumoni owayeludinga uthando olungenguwo umvuzo lukaThixo wakhe. Ngaloo ndlela, uNowa akahlukanga nakomnye kuthi ofuna ngenzondelelo ukuyilandela iNkosi.

Ukuba uyaqonda ukuba uNowa wayeludinga ubabalo lukaThixo, njengathi sonke, khangela kobakho ubomi uzibuze lo mbuzo, Ingaba kungatshiwo ngam ukuba, njengoNowa, “ndiililungisa,” “andinabala,” nokuba “ndihamba noThixo”? bhala phantsi izizathu zakho nokuba yeyiphi indawo oyithabathayo (ukuba uziva wanelisekile) uze wabelane ngayo neklasi ngeSabatha.

Lwesibini

13 Apreli

Umnqophiso NoNowa

“Ndiwumise umnqophiso wam nawe, ungene emkhombeni wena, noonyana bakho, nomkakho, nabafazi boonyana bakho, ndawonye nawe” (Gen. 6:18).

Kule ndima sineziseko zomnqophiso weBhayibhile owenziwa nguThixo noluntu: uThixo noluntu bangena kwisivumelwano. Esilula kakhulu sona. Sekunjalo, zikho iziqalelo ezingaphezulu kunokuba lisithi krwaqu iliso. Zisuka nje, kukho isiqalo sokuthobela ngakwicala loluntu. UThixo uthi kuNowa yena nosapho lwakhe baya kungena emkhombeni. Kukho ekufuneka bekwenzile,kanti ukuba abakwenzi, umnqophiso uyaphuka. Ukuba umnqophiso waphukile, ngabo abazakulahlekelwa ekugqibeleni, kuba ekupheleni ngabo abazuzayo ngomnqophiso. Ngapha koko, ukuba uNowa wayethe hayi kuThixo angafuni ukuhamba ngawo okanye avume kodwa abuye ayiguqule ingqondo yakhe, zaziya kuba yintoni iziphumo kuye nakusapho lwakhe?

UThixo uthi ngu“mnqophiso wam.” Kusixelela ntoni oko ngendalo esisiseko somnqophiso? Ubuya kuba yintoni umahluko ukuba uYehova ebewubize ngokuthi “umnqophiso wethu”?

Nangona yayingaqhelekanga le meko iyodwa, sibona apha ukumiselwa kwesiseko solwalamano phakathi kukaThixo nomntu emnqophisweni. Ngokumisela “umnqophiso wam” noNowa, uThixo uphinda apha abonise ubabalo lwaKhe. Ubonisa ukuba unentumekelelo uhamba phambili ukuze abasindise abantu kwiziphumo zezono zabo. Ngokufutshane, lo mnqophiso akufuneki ubonwe njengokumanyana koontanga apho “iqabane” ngalinye emnqophisweni lixhomekeka kwelinye. Singathi uThixo “uyazuza” emnqophisweni, kodwa kuphela ngendlela eyahluke kakhulu kwabazuza ngayo abantu. Uzuza ngale ndlela yokuba abo abathandayo baya kunikwa ubomi obungunaphakade—asikuko ukwanela okuncinane oko kuYehova (Isa. 53:11). Oko asikuko ukuzuza ngendlela esithi thina—kwelinye icala elizuzayo lomnqophiso—sizuze. Khawuzame lo mzekelo: Indoda iye yayakuwa ngaphandle kwesikhephe kukho isaqhwithi esikhulu. Enye ehleli apha phantsi esikhepheni ithi ndiza kuphosa intambo yokukusindisa ukuba ndikutsalele phakathi. Lo usemanzini kufuneka avume naye kwelakhe icala “lesigqibo”, oko kukuthi, kufuneka evumile ukuyibamba nokutshela kuloo ntambo iza kuphoswa. Ngendlela ezininzi, unjalo ke umnqophiso phakathi kukaThixo noluntu.

Lo mfanekiso ukunceda njani ukuba uwuqonde umba wobabalo okhoyo emnqophisweni? Ukunceda njani ukuba uqonde ukuba yintoni ulwalamano lwakho noThixo nangoku ekufuneka lwakhelwe phezu kwayo?

Umqondiso Womnyama

"Wathi uThixo, Nguwo lo umqondiso womnqophiso endiwubekayo phakathi kwam nani, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo ekuni, kuse kwizizukulwana zasephakadeni: umnywama wam ndiwubeke efini, ukuba ube ngumqondiso womnqophiso oophakathi kwam nehlabathi" (Gen. 9:12, 13). Zimbalwa izinto zendalo ezintle ngaphezu komnyama. Ngubani ongakhumbuliyo esengumntwana ukuqala kwakhe ukutsalwa nokumangala yimibala emihle ecanda isibhakabhaka? Yinto entle engathi lisango elikhwebayo ukuba ungene ezulwini. Nangoku singabantu abadala, siyakhwankqiswa bubuhle bemibala eba semafini. Akumangalisi, ke ngoko, ukuba nanamhlanje umnyama usetyenziswa njengomfuziselo wezinto ezininzi: kusuka kwimibutho yopolitiko kuse kwiinkonzo ezingacacanga kakuhle kuye kumaqela omjuxuzo nakumaziko abakhenkethi (khangela igama "umnyama" kwiWeb ubone). Ngokucacileyo, imibala emihle eyenze irhengqa phaya phezulu emva kwemvula isazichukumisa nangoku iintliziyo neengqondo zethu. Yinto leyo eyayifunwa nguThixo.

Wayethe uYehova umnyama uya kuba ngumqondiso okanye umfuziselo wantoni? Gen. 9:12–17.

UYehova wathi uya kusebenzisa umnyama njengomqondiso "womnqophiso wam" (Gen. 9:15). Kunika umdla ukuba asebenzise igama "umnqophiso" apha, kuba, kule meko, umnqophiso uyahluka kwindlela osetyenziswa ngayo kwenye indawo. Ngokungafaniyo nomnqophiso noAbrham okanye kumnqophiso waseSinayi, akukho okufuneka kwenziwe okucacileyo okuxeliweyo kwindawo yabo kufuneka bezuzile kumnqophiso (kwanoNowa ngokwakhe). Amazwi kaThixo apha aya kubantu bonke, "nayo yonke imiphefumlo ephilileyo enyameni yonke" (Gen. 9:12). Amazwi kaThixo aya kwindalo yonke, ahlanganisa konke, nokuba ubani unyula ukumthobela uYehova nokuba akafuni. Kule ngqondo, imbono yomnqophiso ayisetyenziswa njengoko injalo kwenye indawo eBhayibhileni xa kuthethwa ngolwalamano phakath kukaThixo nabantu.

Kungayiphi indlela othi lo mnqophiso nawo utyhile ubabalo lukaThixo? Ngubani owawuqalayo lo mnqophiso? Ngubani ozuzayo kuwo ekugqibeleni?

Nangona umnqophiso, njengoko ubekiwe apha, ungezi nokuqinisekileyo ekufuneka kwenziwe ngakwicala lethu (icala likaThixo, phofu, kukuba angaze alitshabalalise ihlabathi ngamanzi), ukwazi kwethu oko umnyama ukufuziselayo kusikhuthaza njani ukuba siphile ngokumthobela uYehova? Ngokufutshane, ingaba kukho okufuneka kwenziwe okuqulathwe kwicala lethu xa sikhangela esibhakabhakeni sibona umnyama? Cinga ngayo yonke le meko owathi wakho ngenxa yayo umnyama kunye nezifundo esinokuzifunda kulo ngxelo.

Lwesine

15 Apreli

“Kwasala UNowa Yedwa”

“Zabhujiswa ke izinto zonke ezimiyo, eziphezu komhlaba, kwathabathela emntwini kwesa ezintweni ezizitho zine, nasezinambuzaneni, nasezintakeni zezulu; zabhujiswa azabakho ehlabathini; kwasala uNowa yedwa, nababenaye emkhombeni” (Gen. 7:23). Kule ndima umntu ufumana ukukhankanywa kokuqala kwembono “yamasalela” eziBhalweni. Igama eliguqulwe “sala” livela kwelinye igama elintlobo zengcambu yalo zisetyenziswe amaxesha amaninzi kwiTestamente eNdala apho kunikwa khona ingcamango yamasalela.

“UThixo undithume phambi kwenu, ukuba ndinimisele amasalela ezweni, ukuna ndisindise ubomi benu, ibe kukusinda okukhulu” (Gen. 45:7, ucinezelo lolombhali).

“Wothi oshiyekileyo eZiyon, noseleyo eYerusalem, kuthiwe ungcwele, bonke ababhalelwe ebomibi eYerusalem” (Isa. 4:3, ucinezelo lolombhali).

“Kuya kuthi ngaloo mini iNkosi isiphinde okwesibini isandla sayo sokuwathenga siwakhulule amasalela aya kusala abantu bayo” (Isa. 11:11, RSV; ucinezelo lolombhali).

Kuzo zonke ezi meko, amagama abhalwe ngokukekeleyo ahlanganiswe namagama afana no“sala” ofunyanwa kuGenesis 7:23, (RSV).

Khangela uGenesis 7:23 neminye imizekelo. Uyiqonda njani imbono yamasalela apha? Zeziphi iimeko ezijikelezileyo ezikhokelela kumasalela? Ungena njani umnqophiso kule ngcamango yamasalela?

Ngexesha likaNogumbe, uMdali wehlabathi waba ngumgwebi womhlaba. Ukusondela komgwebo wezwe lonke kwavusa umbuzo wokuba kungaba bonke ubomi–nobomi babantu buza kutshatyalaliswa na. ukuba akunjalo, ngoobani abaya kusinda? Ngoobani abaya kuba ngamasalela? Kule meko, yayinguNowa nentsapho yakhe. Kanti ke, ukusindiswa kukaNowa kwakuhlangene nomnqophiso kaThixo kunye naye 6:18)—umnqophiso owaqalwa waza wenziwa nguThixo wenceba nobabalo. Basinda kuphela ngenxa yento awayenzayo uThixo kubo, nokuba kwakubaluleke kangakanani ukusebenzisana kwabo.Nokuba yintoni ekwakufuneka kwenziwe nguNowa emnqophisweni, kanti nokuba wayenyaniseke kangakanani ekukwenzeni, ithemba lakhe ekwakuphela kwalo lalikwinceba likaThixo.

Ngokokuziqonda kwethu iziganeko zemihla yokuphela, eziquka ixesha xa uThixo eya kuba namasalela (bona IsiTyh. 12:17), kokuphi okuhambelana noku esinokukufunda kwibali likaNowa okunako ukusinceda ukuba silungiselele ukuba sibe yinxalenye yamasalela? Zeziphi iindlela esenza ngazo izigqibo yonke imihla ezinokuthi zibe negalelo kanye apho siya kuphela simi khona ngelo xesha?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "UNogumbe," amaph. 90–104 no"Emva KoNogumbe," amaph. 105–110, kuAmanyange Nabaprofeti. "Umnyama into ephathekayo okanye ebonwa ngamehlo yendalo, yayingumfuziselo ofaneleyo wesithembiso sikaThixo sokungaze aphinde awutshabalalise umhlaba kwakhona ngamanzi. Nokuba iimeko zemozulu zomhlaba zaziya kwahluka emva kukaNogumbe, zithi neemvula kwiindawo ezininzi zomhlaba zibekho endaweni yombethe owawumhle ukwenza manzi umhlaba, yayikho into efunekayo ukuthomalalisa uloyiko lomntu ngalo lonke ixesha imvula iqala ukuna. Ingqondo yasemoyeni inako ukubona kwizinto ezizityhilelo zikaThixo ngaYe (bona kumaRoma 1:20). Ngaloo ndlela, umnyama ububungqina kokholwayo ukuba imvula iza nentsikelelo hayi intshabalalo yendalo yonke."—*The SDA Bible Commentary,* vol. 1, p. 265.

Imibuzo Yokuxoxwa:

"Ngelo xesha umhlaba wawunyakazela, abantu besanda, ilizwe libhonga okwenkuzi yenkomo, waza uThixo omkhulu wavuswa yingxolo. UEnlil wayiva ingxolo waza wathi koothixo entlanganisweni yequmhru, 'Ingxolo yabantu ayinyamezeleki kwaye kunzima nokulala ngenxa yebhabheli.' Ngenxa yoko baya bavuma oothixo ukumtshabalalisa umntu."—"The Story of the Flood" in *The Epic of Gilgamesh*, trans. N. K. Sanders (London: The Penguin Group, 1972), p. 108. Thelekisa esi sizathu sikaNogumbe neso sinikwe eBhayibhileni. UNowa wenza okungaphezulu kokusilumkisa isizukulwana sakhe ngomgwebo ozayo kaThixo. Injongo yokulumkisa kwakhe yayikukunceda abantu bakuqonde ukudinga kwabo ukusindiswa. Kungani ukuba iinyaniso zokusindiswa zingathandwa jikelele? Dwelisani nixoxe ngezinye zezinto ezithintela abantu abaninzi ekulamkeleni icebo likaThixo lokusindiswa kwabo. Khangela: Yohane 3:19; Yohane 7:47, 48; Yohane 12:42, 43; Yakobi 4:4.

Isishwankathelo: Esifundweni sale veki,siqaphele ukuba iminqophiso uThixo ayenze noNowa yeyokuqala ukuba ixoxwe ngokuphandle eBhayibhileni. Ibonisa umdla waKhe onothando kubantu nolangazelelo lwaKhe lokungena nabo kulwalamano olusindisayo. UThixo wawuqinisekisa ngokutsha umnqophiso waKhe kuNowa, kwaza kwaba kukuzinikela kukaNowa kuThixo okwamkhuselayo kukreqo olwalugquba, waza Yena [uThixo], ekugqibeleni, wamsindisa uNowa nosapho lwakhe kumgwebo otshabalalisayo kaNogumbe. "Umqondiso [umnyama] osemafini ukukuqinisekisa inkolo yabo bonke, nokumilisela ukumthemba kwabo uThixo, kuba ungumqondiso wenceba nokulunga kukaThixo emntwini; wokuba, nangona uThixo ebecatshukisiwe ukuba awutshabalalise umhlaba ngoNogumbe, yona inceba yaKhe isawurhangqe wonke umhlaba."—Ellen G. White, *The Story of Redemption*, p. 71.